*Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative professionals who volunteer to create new, African storybooks that anyone can freely translate and distribute. To find out more, and to download beautiful, print-ready books, visit bookdash.org.*

*U-Unathi neRhamncwa eliMdaka, eliNukayo*
*(Unathi and the Dirty, Smelly Beast)*
Illustrated by Jess Jardim-Wedepohl
Written by Jon Keevy
Designed by Thokozani Mkhize
Edited by Bongani Kona
Translated by Sihle Siko
with the help of the Book Dash participants in Cape Town on 19 November 2016.

ISBN: 978-1-77623-060-0

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

Attribution: You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.
No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.
Notices: You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.
No warranties are given. The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.

# U-Unathi neRhamncwa eliMdaka, eliNukayo



**Jess Jardim-Wedepohl Jon Keevy Thokozani Mkhize**

**Kukhona into**

elandela u-Unathi.



Imdaka.
Iyanuka.
Lirhamncwa!







**U-Unathi** uyakwazi
**ukubaleka.**

**Irhamncwa** liyakwazi
**ukuleqa.**



U-**Unathi** ungcono
**ekutsibeni.**

**Irhamncwa** lingcono
**ekudadeni.**



**U-Unathi** ubalasele

**ekugwenceleni.**

**Irhamncwa** libalasele

**ekugrumbeni.**

U-Unathi nerhamncwa bobabini

**bayakuthanda ukucula!**





Lixesha lokuba u-Unathi agoduke.

**Irhamncwa elimdaka, elinukayo** nalo lifuna ukugoduka!

"Akufuneki rhamncwa limdaka, linukayo endlwini!"

utsho umama.





U-Unathi kunye

nerhamncwa bayakwazi

**ukuchwechwa.**



U-Unathi uyakwazi

**ukunxiba kakuhle.**

Irhamncwa alikwazi.



U-Unathi nerhamncwa bayakwazi **ukuzimela** kumaqam.



Irhamncwa **alikho mdaka.**
Irhamncwa **alinuki.**
Irhamncwa
**licocekile yaye lihle.**



